



Uhambo oluya etephini

Le ncwadi yeka









bookdash.org

Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative volunteers to create new African storybooks that anyone can freely print, translate and distribute. Then we work with partners to give those books to preschool children to own.

To find out more, and to download beautiful, open-licensed, print-ready books, visit bookdash.org.

Uhambo oluya etephini

(A trip to the tap)

Illustrated by Phumle April

Written by Sindeka Mandoyi

Designed by Nadene Kriel

Translated by Ntsiki Ntusikazi

with the help of the Book Dash participants in Cape Town on 14 October 2023.

ISBN: 978-0-948602-18-4

Typeset in Quicksand

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence
(<http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/>).

You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use. No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.





Phumle April
Sindeka Mandoyi
Nadene Kriel

Uhambo oluya etephini



UOluhle uvuke kwasekuseni.
Uvuyela ukuya kukha amanzi.

“Yiza Mama, kufuneka sibe
ngabokuqala namhlanje,”
ukhwaza atsho.





**Endleleni badibana noNathi
kunye noUnathi.
Nabo baya etephini
nomama wabo.**





UOluhle udlala nabahlobo
bakhe ngelixa abantu abadala
besikha amanzi.

“Oluhle, ligcwele ibhakethi lakho,”
utsho uMama.





Bakufika ekhaya, uOluhle uyahlamba.

UMama yena uya emsebenzini.

UOluhle ushiyeka noMakhulu.





Emva kwemini, uMakhulu
upheka isidlo sangokuhlwa.
Ufuna amanye amanzi.
Ucela uOluhle ahambe naye
baye etephini.





“Makhulu andiliboni ibhakethi lam.
Ndilikhangele kuyo yonke indawo,”
utsho uOluhle.

UMakhulu uyamkhangalisa, kodwa
alibonakali tu ibhakethi.







UMakhulu ucinga icebo.
Uthatha imbombozi engena
ilitha ezi2 ekhabhathini ze
alande iipeyinti kunye neebhrashi
zokupeyinta.





UMakhulu wenza ibhakethi
ngembombozi yamanzi.
Uyipeyinta ibe pinki.
“Nali ibhakethi esilenze ngento
esele isebenzile, Oluhle!”








“Enkosi Makhulu,” utsho uOluhle.


Uvuyela ukuya etephini ephethe
ibhakethi lakhe elenziwe ngento
esele isebenzile.





Ngosuku olulandelayo, u-Unathi
noNathi beza neembombozi
ezimbini kuMakhulu.

“Makhulu, ungakwazi ukusenzela
amabhakethi ngezi mbombozi?”







UMakhulu upeyinta amabhakethi
abo zuba namthubi, imibala
abayithanda kakhulu.
UNathi noUnathi bayavuya.
No-Oluhle uyavuya.





Abahlobo bangxamele ukuqhayisa
ngamabhakethi abo amatsha.

“Singaya etephini ngoku?”
bayabuza.









